

ISIXHOBONO SOKUHLOLA SE-LG

Incwadi Yomhloli



MY MUNICIPALITY
compact
PARTICIPATE
PLAN
ACCOUNT

PARTNERS



Co-funded by
the European Union

ISIQUULATHO

INCWADI Yabahloli

INTSHAYELELO YENCWADI

UKHUSELEKO LWENKCAZELO

1. UKWAZISA NGE-COMPACT	5
2. Ukwazisa Ngohambo Lokuhlola	7
3. Ukwazi intshukumisa yakho	10
4. Ukuufaka abathathi-nxaxheba	12
5. Ukufumanisa okuthenjisiwego	19
6. Ukuhlola iiprojekthi	23
7. Iingxaki ziyalungiswa	42
8. Yazisa ilizwi	49
9. Imibuzo	52

Intshayeleo Yencwadi

PARTNERS



Co-funded by
the European Union

**Sivuyisana Nawe! Ngoku uyinxalenye yeqela labemi
abanentshiseko, isakhono nolwazi oluyimfuneko lokusebenza
kunye norhulumente wasekuhlaleni ukuphucula unikezelwa
kweenkonzo.**

Ufanele usebenzise le ncwadi ukuzikhumbuza ngezinto ozifundileyo ebuden'i boqequesho lwakho nokuzixhasa ngemisebenzi yakho yokuhlola.

Le ncwadi ilungiselelwe yi-Integrity Action kusebenzi obizwa ngokuba yi-COMPACT; ngabemi abaqequeshiwego kuphela phantsi kwe-COMPACT abafanele bayisebenzise.

I-Integrity Action inika abemi abahlolayo ilungelo lokwabelana, ukusebenzisa ukusasaza, nokutshitsha, nokwakhela ngale ncwadi ukuba nje sinikwa ilungelo lethu lokuba ngabanini bokuqala bayo.

Sikhuthaza ukuba usinike inkcazel'o ngele ncwadi uze uqhagamshelane nathi ngeembono ezintsha nezinto esinokuzifaka. Sizama ukugcina le ncwadi isexesheni ibe ibangele nomdla.

Sithemba ukuba uza kufumanisa le ncwadi inoxabisa ibe sinqwenela impumelelo kwiinzame zakho.

Ukufumana inkcazel'o engakumbi, sicela usityelele kwi-intanethi
www.integrityaction.org okanye usibhalele
info@integrityaction.org

**I-Integrity Action iyazidla ngokubambisana ne-PARI ne-SALGA
kulo msebenzi we-COMPACT.**

Ukhuselo Lwenkcazelo

Sizimisele ukukhusela inkcazelو yakho yobuqu. Xa usayina ukuba ube ngumhloli, sigcina igama lakho elipheleleyo, isini, ubudala, enoba ukhubazekile, umsebenzi, ulwimi, indawo ohlala kuyo kwindawo yethu yenkcazelو. Sigcina le nkcazelو ngenxa yokuba isivumela sikhazi ukulandela wonke umntu oqequeshiweyo ehlabathini lonke. Asabelani ngenkcazelو yakho nabanye abantu ngaphandle kwenjongo yokuholisisa. Siza kuyicima ingxelo yakho emva kweminyaka esi-7 yokuphela kwalo sebenzi we-COMPACT.

Isizathu esisemthethweni esenza sigcina le nkcazelو sibizwa ngokuthi "Ngumbla Obambekayo" okuthetha ukuba sigcina le nkcazelو ngokuhambisana nolindelo lwakho oluhambisana nendima yakho ibe akunakuba nemiphumo engekhongqiqweni kuwe.

Ukuba ufunu i-Integrity Action isuse inkcazelو yakho, sicela usithumelele i-imeyile kule dilesi info@integrityaction.org

1. Ukwazisa I-COMPACT



Yintoni i-COMPACT?

I-PARI, i-South African Local Government Association (SALGA) ne-Integrity Action (IA) sidibe ukuze siphumelelise iprojekthi enomxholo othi "Ukuxhasa Inxaxheba Kawonkewonke Nokucebela Urhulumente Wasekuhlaleni: Ekunikezelweni Kweenkonzo Ngurhulumente Wasekuhlaleni Nasekubeni Noxaduva". Le projekthi yaziwa ngokuba "yi-COMPACT" - kuba igama elithi "Com" libhekisela kwelithi Community (abahlali) elithi "Pact" libhekisela kubathathi-nxaxheba ababandakanyekileyo kuthethwano lwasesidlangularaleni. I-COMPACT ixaswa ngezimali yi-European Union (EU) ebudeni bexesha layo ukususela Februwari 2022 ukusa ku-Januwari 2026.

I-COMPACT iyilelwe ukufikelela urhulumente wasekuhlaleni osabelayo nokwazi ukuthwala uxanduva ngokwandisa ulwalulo lwesininzi, ukwandisa uthethwano nabahlali ekuyleni inkqubo ye-intergrated development planning (IDP)(injongo ephambili ingamanzi nogutuylu) nasekuphuculeni ukuceba ukuvelela ukunikezelwa kweenkonzo ngumasipala ngokubandakanya kakhulu abahlali.

Ngokukhetha abemi be-COMPACT abafana nawe abaqeleshelwe ukusebenzisa norhulumente ekuhloleni ukunikezelwa kweenkonzo nokufumana izisombululo kwiingxaki ezifunyanisiweyo.



2. Ukwazisa

Ngohambo

Lokuhlola




Uhambo Lokuhlola

Le ndlela iyilwe ukuvumela abemi ukuba babandakanyeke nangakumbi ekunikezelweni kweenkonzo ngokuvelela nasekulungiseni iingxaki ezivelayo, ngokusebenzisana nabanikezelni beenkonzo norhulumente wasekuhlaleni ekuqinisekiseni ekuphenyezweni koxanduva kubantu abafanele benze oko.

Lo msebenzi wenziwa ngamanyathelo ama-6. Ebuden'i boqequesho lwakho ufanele ufunde ngawo ngokweenkcukacha.

Khumbula nabani na ozimiselelo ukuthatha inxaxheba unokuba ngumhloli, kungakhathaliseki ubuchule, amava nobuntu bakhe. Abantu abasuka kwiindawo ezingathathi-ntweni ngabona bakhuthazwa ukuba babe ngabahloli, ukwandisa ilizwi labo nobunkokheli kwinkqubo yokwenziwa kwezigqibo kuwonkewonke.



Ukukhusela, ukhuseleko nonqabiseko

Kubalukeke kakhulu kuba nokhuseleko nonqabiseko.

Ukuhlolwa ngabahlali kuyakha, akungabinazo iingxwabangwaba akufanele kukubeke esichengeni. Xa uhlola, lumkela iingozi uze usebenzisa la magama ukukunceda kwindlela yakho yokucinga nokwenza:

Khumbula	Jonga okukungqongileyo. Ngaba uziva ukhululekile? Ngaba uyazi ukuba uyephi xa kuvela ingxaki?
Hlolisia	Ngaba uziva ukhuselekile? Uwedwa? Ngaba kufuneka uqiniseke ukuba ukunye nabantu obathembayo ukuze uqhubeke?
Phepha	Ukuba akuziva ukhuselekile, yiphephe loo meko. Musa ukuzifaka engozini okanye kwimeko evelisa ingxwabangxwaba. Qhagamshelana nomntu omthembayo ucacise imeko.
Phelisa	Ukuba uqhubecka ngokwezicwangciso kuvele ingxaki, zama ukuphelisa ingabikho imeko. Hlala uzolile, ungaphazamiseki uze usebenzise ubuchule bokuncokolisana.
Phuma	Ukuba ingxaki iyakongamela, lixesha lokuba uhambe. Suka kuloo meko iyingozi nengakhuselekanga.

Ukuba akuziva ukhuselekile, nceda ungaqhubeki ngokuhlola. Khumbula ukuba nabani na odibana naye ngomsebenzi:

- Unelungelo lokuziva ekhuselekile yaye enqabisekile;
- Unoxaduva lokuziphatha ngendlela engoyikisiyo, engacinezeliyo nexhaphaza abanye abantu.

Ukuxela nakuphi na ukuxhatshazwa ndibana nako, okubonileyo okanye okuxelwe kuwe qhagamshelana nembekiselo yakho okanye uthumele imeyile kwi-PARI, iSALGA okanye i-Integrity Action.

Asikuvumeli ngayo nangayiphi na indlela ukuphathwa kakubi ibe asinakuze sivumele abasebenzi be-COMPACT, abancedisi,

PARTNERS

3. Yinqonde intshukumisa yabathathi- nxaxheba



Yintoni ekwenza ube ngumhloli

Ukuphumelela kwalo msebenzi kuxhomekeke ekuzinikeleni, intshiseko, nokuziqalela izinto kwabemi abangabahloli. Nakuba ukuhlola iluhambo olungelula, Iuzisela wena nabahlali bendawo okuyo ezi nzuzo:

- Kwandisa ukusebenziseka, ukuchana nemiphumo yeenkonzo
- Kwandisa intembelo yabahlali kwabasemagunyeni basekuhlaleni kuze komeleze ulwalamanu Iwabathathi-nxaxheba kwiwadi yakho nakumasipala
- Kwandisa ubunini babahlali, loo nto ithetha ukuba iinkonzo ziza kunyanyekelwa
- Inika wena nabahlali ilizwi namandla. Ngaphezu koko, iinkonzo zoluntu zenzelwe abahlali!
- Inika wena nabahlali amandla, ngokuninika amathuba okupuhlisa ubugcisa nasekwazini abantu abanokunceda xa bengaqukwa
- Kwandisa ukubopheleleka korhulumente wasekuhlaleni nonokotraka kuze kuvule amathuba angakumbi okuzibonakalisa nonxibelewano

Enoba ungumfundu, umsebenzi, ukumhlala-phantsi, ungumzali ongenaqabane, umntu okhubazekileyo, umntu osuka kwiindawo ezingathathi-ntweni, unokuba ngumhloli uze ufake isandla ekuphuculen iukunikezelwa kweenkonzo kwindawo ohlala kuyo. Kuxhomekeke kuwe!

**Khumbula ukuba iCOMPACT ijolise ekunikezeleni
ngendlela yokuba abahlali bathethane norhulumente
ekucebeni, ekupuhliseni uthethathethwano
nokubopheleleka kukarhulumente.**

PARTNERS

4. Ukufaka abathathi- nxaxheba




Ukucebela abathathi-nxaxheba

Umthathi-nxaxheba nguye nabani na onomdla okanye ochaphazelekayo kwiprojekthi ehlolwayo. Oku kuquka abanikezeli beenkonzo namalungu abahlali.

Uthethathethwano nabathathi-nxaxheba yinkubo eqhubekayo. Ebudenি Bohambo Lokuhlola, abemi abangabahloli kufuneka baqhubeke bethethana nabathathi-nxaxheba. Oku kuza kunika ixesha lokuba ulwalamano lukhulu, nokuze kubekho intembelo nokomelela. Kuza kuqinisekisa ukuba abathathi-nxaxheba bagcina benolwazi ibe bebandakanyekile kwimiba ebachaphazelayo.

Isicangca sokuhlolisa esingezantsi sinokusetyenzwa ukuze kuqondwe ukabaluleka kwabathathi-nxaxheba abahlukeneyo. Oku kwenziwa ngokucingga amandla abathathi-nxaxheba nomdla kwimiphumo yeprojekthi enoba mihle okanye mibi. Ngokomzekelo, ukuba ilungu lasekuhlaleni liza kuchatshazelwa yiprojekthi, kodwa alinawo amandla okuyitshintsha iprojekthi, iza kubafaka apha:



Kwiprojekthi oyihlolayo, cinga ngabathathi-nxaxheba abanefuthe ngaphezu kwabanye emephini. Faka umgca obonisa ukuba nguuphi kubo ophembelela omnye. Ngokomzekelo, ukuba umthathi-nxaxheba uquka igosa likarhulumente elisemthethweni, nonokontraka, lize igosa liphembelele unokontraka, uza kwenza umgca onje:



Ukufaka emephini abathathi-nxaxheba ngale ndlela kwenza kube lula ukuqonda indlela abasebenzelena ngayo abathathi-nxaxheba. Ngokomzekelo, ukuba kunzima ukulungisa ingxaki, oku kuza kukunceda ucinge ngomntu onokuthetha naye nonokuphembelela isiggibo. Oku akunakufane kube lula kumntu obonakala ekwisikhundla esinamandla, kodwa kusenokwenzeka ngumntu owazi abantu abaphezulu okanye abahlonelwayo.

Indlela zothethwano

Cinga ngendlela onokwazisa uze ubandakanye ngayo abathathi-nxaxheba kwimisebenzi yakho yokuhlola:

- **Ukwazisa:** Ukuchaza injongo kunye nenkcazelو echanileyo ukunceda abathathi-nxaxheba baqonde iingxaki, ezinye iindlela, nezisombululo.
- **Ukubandakanya:** Ukusebenza ngokuthe ngqo nabathathi-nxaxheba kuyo yonke inkubo ukuqiniseka ukuba izinto abazixhalabeleyo nezidingo zabo zicingisisiweyo.

Cinga ngoku ngamanyathelo unokuwasebenzisa ukuthethana nabathathi-nxaxheba, ngokomzekelo, amaphetshana, ukuya ezindlini zabo, umabonwakude, unomathotholo, amaphephandaba, amaqonga onxibelewano, iintlanganiso zabahlali, ii-workshop, amaqela asekuhlelni, neeleta.

Ngamnye kubathathi-inxaxheba abafunyaniswa **bekwiMaphu Yokuhlola**, nokucinga ngoku:

- Ngaba kufneka ubazise okanye ubabandakanye?
- Yiyiphi indlela yokubabandakanya enokuba nempumelelo? Cinga ngeendlela osele uthethathethane nabo, njengeentlanganiso okanye amajelo onokuwasebenzisa ukudlulisela inkcazelو.
- Ngaba bakho abathathi-nxaxheba ekunokwenzeka bangaqukwa? Ngaba ezi ndlela zokuthethana nabo zinokutshintshwa ukuze zibaquke?

Ngokomzekelo:

UMTHATHI-NXAXHEBA	UKWAZISA OKANYE UKUBANDAKANYA?	IINDELA
Unokontraka	Ukubandakanya	Iintlanganiso zabahlali
Ilungu labahlali elingabandakanyekanga kwiprojekthi	Ukwazisa	Ezindlini zabo

Esi sicangca ngumzekelo nje, endaweni yokucebisa ukuba unokotraka akasoloko ebandakanyekile.

Ufanele ucelebele ukubandakanya nokwazisa abathathi-xheba ngalo lonke ixesa uhlola.

Ngoku ucinge ngeendlela ezahlukeneyo zokubazisa nokubandakanya abathathi-nxaxheba, cinga ngezinto ozakubazisa zona ekuqaleni kohambo lwakho lokuhlola. Ngokomzekelo, khumbula:

- Ukuchaza indima yakho njengomhloli nemisebenzi oza kuyenza. Ungalibali ukuchaza ukuba kunye nokuhlola iprojekthi, uza kusebenza nabo ukuzama ukulungisa iingxaki ozifumanayo
- Chaza iprojekthi oyihlolayo
- Cacisa iindlela indima yakho yokuhlola enceda ngayo abathathi-nxaxheba, ngokomzekelo: Uhlola ukuqiniseka ukuba iprojekthi iyazifezekisa iimfuno zabahlali

Ukuba uthetha nabantu abanoxanduva lokunikezela ngeprokethi, cacisa ukuba udlala indima yokuxhasa ukuncedisa ukunikezela iinkonzo ngempumelelo:

- Cacisa iindlela abathathi-nxaxheba abanokufumana ngayo ngakumbi, kuquka iindlela oceba ukuzisa nangakumbi ngokuhlola nokuhlolisia inkcazelo efumanekayo ekuhloleni (ngokomzekelo ukubanika ilinki yewebhusayithi eza kubonisa yonke inkcazelo yokuhlola)

Kubalulekile kuqiniseka ukuba abathathi-nxaxheba, kuquka namagosa karhulumente wasekuhlaleni namalungu abahlali, **bayayiqonda injongo yokuhlola. Oku kuza kunceda ukuxhasa inkqubo yokuhlola.**

Nasekubaziseni kusaqala ukuhlola, abathathi-nxaxheba bafanele baziswe kulo lonke uhambo lokuhlola.

Amaqela Asebenzisanayo

Enye indlela yokuquka abathathi-nxaxheba kukuyila **Iqela Elisebenzisanayo**:

- **Yintoni?** Iqela labathathi-nxaxheba elidibana rhoqa ukuxubusha ngeengxaki ezivela ebuden'i bohlolisiso, kuze kusetyenzwe kunye ukuzisombulula.
- **Ngoba?** Abahloli abakwazi ukuzilungisa iingxaki bebobwa. Ukumisela iqela kuyila indawo yothethwano phakathi kwabathathi-nxaxheba abahlukeneyo, nokuze bevumelane bezisombululo.
- **Ngubani?** Iqaqobana labathathi-nxaxheba kwiprojekthi. Liqua urhulumente wasekuhlalen'i, umnikezel'i weenkonzo okanye unokontraka, amalungu abahlali, abafana nabahloli kunye namaqela ayimibutho yasekuhlalen'i.
- **Nini?** Maqela asebenzisanayo afanele aqiniseke ukuba aba neentlanganiso rhoqa, ngokomzekelo kanye ngenyanga ukubona inkqubelo nasekuthetheni ngendlela yokulungisa iingxaki ezivelayo.

Unokusinga enoba le yindlela enokusebenza na kwimeko yakho:
Amaqela Asebenzisanayo akafani kuxhomekeka kwiimeko.
Ngokomzekelo:

Kwiiprojekthi zokufakelwa kwamanzi

- Abameli abavela kwiibhodi ezinoxanduva lokwakha, ngokomzekelo amagosa karhulumente okanye amalungu amashishini abucala.
- Abantu ababandakanyekileyo ekwakheni, ngokomzekelo oonokotraka namalungu ee-arthente zokwakha.
- Abameli abavela ekuhlalen'i abachaphazelekayo yiprojekthi, ngokomzekelo abantu abasebenzisa iprojekthi emva kokuba igqityiwe.
- Abahloli.

Amacebiso okwazisa Iqela Elisebenzisanayo:

- Cinga enoba ikhona na imibuzo esele ikhona onokuyisebenzisa, efana neekomiti zooceba, iikomiti zasekuhlaleni, zemveli okanye amaqela ezakwalizi, okanye iikomiti zesikolo - akuyomfuneko ukuyila iqela elitsha ukuba likhona nokulisebenzisa!
- Gcina iqela lakho lilincinane. Xa iqela lilikhulu, kuba nzima ukulungiselela nokubamba iintlanganiso, nokufikelela kwisigqibo.
- Mema abameli avela kumaqela awahlukeneyo, kunokumema onke amalungu. Ngokomzekelo, mema ootitshala abambalwa kunokumema bonke.
- Abahloli abaninzi bamisela Iqela Elisebenzisanayo kwinkonzo nganye ehlolwayo, ibe oku kusebenza kakuhle. Zama ukuphepha ukuyila Iqela Elisebenzisanayo kwingxaki nganye. Ukuba kufuneka ubandakanye omnye xa kuvela ingxaki, unokubamema betyelele iqela elikhoyo.
- Amaqela Asebenzisanayo afanele amele wonke umntu ekuhlaleni. Abafanele aquke abantu beemvelaphi ezahlukeneyo, iminyaka nobuni. Abafanele aquke abantu abasesichengeni sokubekelwa bucala njengabantu abakhubazekileyo.

5. Ukufumanisa okuthenjisiweyo



Ukufumana inkcazelo eMzantsi Afrika

Ukufumana amaxwebhu eprojethi kuvumela ukuba uthelkise oko kuthenjisiweyo nokunikezelwego. Ngaphambi kokutyelela isayithi yeprojekthi ehlolwayo, kufuneka ujunge inkcazelo efanelekayo ngeprojekthi kanga ngoko.

Ngenxa yoku, ilungelo **lokufumana inkcazelo** libaluleke kakhulu: ngaphandle kwalo, unokuyiphumeze imiphumo yokuhlola, kodwa ibinokuba nzima ukuqokelela ubungqina, nokufumanisa iingxaki zize zilunge.

EMzantsi Afrika, icandelo 32(1) wongaqa siseko uthi: *Wonk'ubani unelungelo lokufumana-*

(a) nayiphi na inkcazelo ekurhulumente; kunye (b) nayo nayiphi na inkcazelo ekomnye umntu,

efunekayo ukuze umntu akwazi ukusebenzisa

okanye ukukhusela amalungelo.

Ukukhuthaza Umtehto Wokufumana Inkcazelo Umthetho 2 ka-2000 (owaziwa ngokuthi yi-PAIA) ngumthetho waseMzantsi Afrika wokufumana inkcazelo ibe uvumela abantu bafumane inkcazelo kokubini **esesidlangularaleni nakumaqela abucala**. Yonke imibutho eMzantsi Afrika kufuneka ithobele lomthetho.

I-PAIA isebeza ngeengxelo. Nabani na angacela iingxelo ezikurhulumente okanye igela labucala. Umceli ufanele afake ifomu. Abaceli abaninzi badla ngokucelwa bahlawuli imali yesicelo. Jonga Inkcazelo Yolawulo: <https://inforegulator.org.za/>

Koomasipala, **uManejala kaMasipala** unoxanduva lokuvelisa iingxelo zakwamasipala sifumanek - ngamanye amazwi - ufanele aqiniseke ukuba abahlali bayakwazi ukufumana amaxwebhu kamasipala.

Ngokwemiqathango yePAIA uManejala kaMasipala unoxanduva lokumisela **iGosa Lenkcazel**o indima yalo eli goса kukunceda amalungu asekuhleleni ngenkcazelо efumaneka kwamasipala.

Ngokwasemthethweni, amaxwebhu amaninzi abalulekileyo akwamasipala afanele **afumaneke ngokuzenzekelayo**. Oku kuukuka: i-IDP, utshintsho kuhlahlo-lwabiwo-mali lonyaka nawo onke amaxwebhu ahambisana nalo, i-SDBIP, yonke imithetho-sihlomelo, iingxelo zonyaka, izivumelwano zokusebenza kunye kweenkampani zikarhulumente nezabucala, iingxelo zekota ezibekwa kwibhunga likameya, zonke izicelo zeziniki-maxabiso, kuukuka umfaki sicelo, imali nomgangatho we-BBBEE ukuba kuyimfuneko, izaziso zeentlanganiso zebhunga, imihla neendawo, izivumelwano zokusebenza, abasenzi abaphezulu Izivumelwano Zokunikezelwa Kweenkonzo.

Ngokutsho kwe-PAIA, umasipala ngamnye ufanele abe **nemiyalelo** yokunceda abahlali bafumane inkcazelо

Ukwenza isicelo se-PAIA

Kukho iifomu zezicelo ze-PAIA ezahlukaneyo

Ifomu 2 - ifanele igcwaliswe xa kufakwa isicelo kwibhodi karhulumente okanye ifanele istyenziswe ukufaka isicelo senkcazelо kumbutho wabucala. **KHUMBULA:** xa ufaka isicelo se-PAIA kwibhunga labucala ufanele uchaze ilungelo olisebenzisayo.

Ifomu 4 - ifanele igcwaliswe xa ibhodi karhulumente isala ukufaka isicelo yaye ufunа ukufaka isibheno kweso sigqibo.

Imali emiselweyo yentlawulo yesicelo kwibhodi kawonkewonke yi-R100. Kukwakho nentlawulo yokuprinta (R1.50 iphepha) iflash drive (R40), i-CD (R60) njalo njalo.

Igosa Lenkcazelо liza kuperhendula isicelo senkcazelо **kwiintsuku eziyi-30**. Noko ke, umthetho ubavumela bafake isicelo sokwandisa ezo ntsuku ngezinye eziyi-30 ukuba zikhona izizathu zokwenza oko.



I-PAIA inoludwe lwezizathu (izibakala) zokwalela ukufumana ingxelo. I-PAIA ilungiselela izisombululo zezalelo zokufumana inkcazel. Xa kukho izalelo kwibhunga likawonkewonke umfaki-sicelo unokufaka lsibheno Sangaphakathi kwigunya elingaphezulu kwelo bhunga. Ukuba oku akwanelisi, umfaki-sicelo unokuwusa lo mba enkundleni.

Unokufaka isibheno ngesalelo - ngamanye amazwi, ukuba isicelo sakho asihoywa - esi sisizathu sokubhena.

Amava ethu asifundisa ukuba eyona ndlela yokufumana inkcazel. Kukufumana ileta esemthethweni evela kwibhunga likawonkewonke elihlola ukufumana inkcazel kanye ukusebenzisa ulwalamano lobuqu. Zombini ezi ndlela zifuna kwakhiwo kuze kugcinwa ulwalamano, loo nto ifuna ixesha.

Sincomela ukuba usebenzise amabhunga anokuthenjwa, afana nonokontraki okanye amagosa kawonkewonke, ukufumana amaxwebhu eprojekthi. Inkcazel oyidingayo ixhomekeke kuhlobo Iweprojekthi oyihlolayo.



Kunokubakho ingozi kubahloli xa becela inkcazel. Ngokomzekelo, abahloli banokudibana nabantu abangafuniyo ukukhupha inkcazel - naxa ifunwa gokusesikweni - ngaloo ndlela beabajonga ngezikhondo zamehlo.

Kusoloko kubalulekile ukufumana inkcazel ngokukhuselekileyo nangendlela esemthethweni. Inkcazel inokufunyanwa kokubini ngokusesikweni okanye ngendlela yabucala kuxhomekeka izithethe nokubangqongileyo. Kusoloko kuluncedo ukufumanisa eyona ndlela yokufumana inkcazel ebalulekileyo.

PARTNERS



Co-funded by
the European Union

6. Ukuholwa kweprojekthi



Ukuhlola iprojekthi

Kutyelelo Iwakho lokuhlolisa ufanеle wenze imisebenzi embalwa. Eyile:

- Ukusebenzisa **i-Kobo Toolbox** ukufumana iprojekthi
- Ukusebenzisa **i-Kobo Toolbox** ukwenza uhlolisiso Iwabahlali
- Ukufota nokwenza amanqaku
- Ukuthetha nabathathi-nxaxheba

Kwiphepha elilandelayo uza kufumana izikhumbuzo ngezinto ezibaluleke kakhulu ofanele uzikhumbule xa ugqiba utyelelo lokuhlola.

Xa uphanda ngeprojekthi khumbula ukubek' esweni, phakathi kwezinye izinto:

- Inani lezixhobo ezifumanekayo nezikhoyo
- Uhlobo nomgangatho wemithombo esetyenziswayo
- Enoba banele na abasebenzi nokuba zinjani iimeko zokusebenza
- Umngangatho womsebenzi ogqityiwego
- Ukufumaneka kweprojekthi
- Indlela echaphazela ngayo imeko-bume esingqongileyo

Inkcaza eluncedo xa uhlola izinto ezisiseko zeprojekthi yaseMzantsi Afrika

Inkcazelo ngeProjekthi:

- Phawula nge-Master Planning, IDP nohlolisiso lwezidingo njalo njalo.
- Imithombo Yamaxwebhu: I-IDP, lingxelo Zomsebenzi Nobuxhakaxhaka, liplani Zoshishino, Amaxwebhu Ezinikimaxabiso, Imizobo.

Iqela Labathathi-nxaxheba Neuprojekthi;

- Abahlali (banemfuneko)
- Abathengi (Oomasipala abanoxanduva lokunikezelia iinkonzo)
- Ii-arhente Zezimali (iimali yabo, i-MIG, i-RBIG, iDBSA, njalo njalo)
- Ii-arhente zikarhulumente namabhungu awongameleyo (i-DWS, iDEADP, njalo njalo)
- Ii-arhente zabathengi (oononjineli/abazobi beeplani, ii-arhente zokhuseleko, nezokusingqongileyo)
- Unokontraka
- Oonokontraka abangaphantsi

Ikontraki:

- Maxwebhu Ezininki-maxabiso (kuquka Uludwe Lwezixhobo okanye i-BoQ)
- Imimiselo yekontraki (i-GCC, i-NEC, i-Fidic, njalo njalo)
- I-SANS (1200 yomngangatho womsebenzi nezixhobo)

Ukuhlola Iprojekthi Nolawulo Lomngangatho:

PARTNERS



Co-funded by
the European Union

I-arthente Enkulu (Injineli Ecebisayo)

1. Ukuncedisa Abathengi ngokuYila, Ukuthenga nokusebenza kwiprojekthi nokumisela ukudluliselwa kweprojekthi lula kubathengi nakwabasemagunyeni abafanelekileyo.
2. Ukulawulo oonokotraki nokuqinisekisa ukuba babambelela kwizivuelwano zemimiselo nemiqathango ekuvunyelwene ngayo.
3. Ukunced Abathengi Ngokuhlolisia Ulawulo Lwamaxabiso eprojekthi nenkcitho ukuqinisekisa ukuba iindleko azidluli kwezi zicetyelweyo.
4. Ichaza ize inikele iingxelo zeendaleko ezinokubakho kuze kuphakanyiswe indlela yokonga.
5. lingxelo nesicelo senkqubo yentlawulo nokutshintshwa kweeda.
6. Ukubamba iintlanganiso zasesayithini nezokusebenza nyanga nganye.

Ukusebenza Noonjineli Abakhoyo (RE) Ukusebenza Ne-Arhente

Eyintloko:

1. Idlala indima ebulekileyo kuveleleni umsebenzi weprojekthi. Uxanduva luqaka imisebenzi eyahlukeneyo ukuqinisekisa inkqubela yeprojekthi elula nokudibana neemfuno ezahlukeneyo.
2. Utyelelo oluthe rhoqo lwasesayithini ukuhlola umsebenzi nokuqinisekisa ukubambelela kwemithetho yokuyila neminye.
3. Ukusebenzisa nokunyanzelisa umngangatho womsebenzi ukuqinisekisa ukuba izixhobo nokusetyenza kukumngangatho ophezulu.
4. Ukwenza uhlolisiso nokuvavanya izixhobo nokugqiba umsebenzi ukuqinisekisa ukuhambisana nemithetho.
5. Ukugcina ukuchana nokuba sexesheni kwamaxwebhu, ekuquka imizobo, ukuchana neengxelo zokwakha.

PARTNERS



Co-funded by
the European Union

6. Ukulungiselela iingxelo ezithe rhoqo kubathathi-nxaxheba.
7. Ukuchaza nokuza nezisombululo okanye ucelo-mnjeni olunokuphakama kulwakhiwo nakumsebenzi weqela leprojekthi ukufumanisa izisombululo kwiingxaki ezingalindelekanga.
8. Ukulungiselela ukuchana kwemizobo yezakhiwo namaxwebhu abonisa utshintsho ngenxa yolwakhiwo.

Igoxa Lonxibelewano Nabahlali (CLO) kwiiprojekthi ezinkulu nezabahlali.

1. Ukugcina abahlali benolwazi ngolwakhiwo, izinto ezinokuphazamisa, nokuncitshiswa kweziphazamiso.

Ukuhlolisisa I-arhente (ngokuqhelekileyo kuvela kwiSebe Lelizwe Nee-Arhante Zenxaso)

1. Ukuqinisekisa ukuba imali isebenza kakuhle.

I-Arhente Yokhuseleko

1. Ukuqinisekisa ukuba misebenzi yokwakha yenziwe ngokhuseleko nokuhlonipha okusingqongileyo (OHS).
2. Ukuhlola imithetho yokhuseleko kwisayithi yokwakha.

Umlawuli Oligosa Lokusingqongileyo (ECO)

1. Ukuqinisekisa ukuba imisebenzi nemiyalelo yokusingqongileyo iyathotyelwa.

Umanejala Wesayithi ophethe Ulwakhiwo egameni Lekotraki

2. Uvelela abasebenzi neekontraki ezingaphantsi ukuqnisekisa ukuba umsebenzi weprojekthi uyensiwa.

3. Ukusebenzisa nokunyanzelisa umngangatho womsebenzi ukuqnisekisa ukuba izixhobo nokusetyenza kukumngangatho ophezulu.
4. Ulungiselela iingxelo zenkuqbelo esenzela oomanejala bekotraki nabanye abathathi-nxaxheba.
5. Ufaka imithetho yokhuselko kwisayithi yokwakha.
6. Ulungiselela uqequesho kubasebenzi okanye kabalungisi kwizixhobo ezifakelwayo.

Amanqaku angakumbi okuhlola iiprojekthi zamanzi

Ukuhlola okuthe rhoqo nokucokisekileyo kwisayithi ukuqiniseka ukuba izinto ezibalulekile ziyanze ka kwiprojekthi kuquka ezi zinto zilandelayo:

- Ukulungelelanisa oophayiphi ngokuvumelana nokuyila nemizobo ngaloo ndlela kuqinisekisa ukuba le mibhobho ifakelwa kakuhle kwindawo eyiyo.
- Ukufakela imibhobho kubunzulu obufanelekileyo ukukhusela izinto ezingaphandle neemeko ezisingqongileyo.
- Ukugrumba nokugoba ukuvumelana nemiqathango yokuyila nokuba nenkxaso eyiyo kwimibhobho.
- Izixhobo ezisetyenzisiweyo zokuyilwa kwemibhobho ngokuvumela neplani nemilinganiselo ebekiweyo.
- Nakuphi na ukonakala okanye ukwaphuka kwemibhobho.
- Izinto ezigalelwu emva kokugrumba nokugangatha nokufaka umhlaba ngokwaneleyo kwimingxuma.
- Ukugalela umhlaba kwimingxuma akonakalisi imibhobho.
- Ukufakela nokulungelelanisa iivaluvu, izifakelo nezinye izixhobo zemibhobho.

- Ukuvavanya uxinezeleko lwamanzi ukuqinisekisa ukuthenjwa kwemibhobho xa isetyenziswa.
- Amaxwebhu okwakha, kuquka imizombo yezakhiwo nezatifiketi zokuvavanywa kwezixhobo, ukuqinisekisa ukuchana nokugqitywa.
- Ukhuseleko luhkona ibe luyalandelwa kwisayithi.
- Abasebenzi kufuneka banxibe impahla yobuqu yokhuseleko (PPE).
- Imisebenzi nemiyalelo yokusingqongileyo iyathotyelwa.

Ukusebenzisa *i-KoboToolbox* ukufaka inkcazelو

Kuza kufuneka i-smartphone ukusebenzisa **i-KoboToolbox** ukukhuphela inkcazelو. Unokuqokelela inkcazelو ngeendlela ezimbini: ngelinki oyinikwe kuqequesho okanye ukukhuphela i-app **ye-Kobo Collect**. Ngelishwa, le-app ifumaneka kwiifowuni ze-Android kuphela, ngoko ke abasebenzi bee-iPhone banokusebenzisa ilinki kuphela, ngoxa abe-Android benokusebenzisa ilinki okanye i-app, nayiphi na elula kubo.


Kukho umahluko omncinane ukuba ungena **ngeKoboToolbox** usebenzisa ilinki okanye ungena nge-app **yeKobo Collect**. Zicaciswe apha ngezantsi.

Ukusebenzisa KoboCollect

Khuphela **iKoboCollect** kwiGoogle Store



4.4 ★
6K reviews ⓘ | 1M+ Downloads | PEGI 3 ⓘ





KoboToolBox: Data collection for humanitarian, development & research settings

Xa i-app ikhutshelwe yivule, uza kubona esi sikrini




Uza kunikwa ii-QR khowudi neenkukacha zeprojekthi ukuze ungene kwiprojekthi.

Esi sikrini soneza iprojekthi nge-QR khowudi




Ngoxa esi sikrini isesokongeza
iprojekthi ngokuzenzela



Xa ungena kwiinkcukacha zeprojekthi, uza kukhetha ifomu ehambisana neprojekthi oyihlolayo, ieza kubonakala kakuhle ngegama leprojekthi

Esi sisiskrini sokuqala, apha kuqala khona kwifomu entsha, ubona idrafti, uthumele, ukhuphele uze ucime ifomu.



Usebenzise ilinki elungiselelweyo:

Kubasebenzisi be-iPhone okanye abe-Android unokukhetha ukusebenzisa ilinki, cinezela nje ilinke oyabelweyo nohlolisiso luza kuqala ngoko nangoko.

Kukho iifomu ezimibni: uludwe lokuhlolola kunye nohlolisiso lwamalungu asekuhlaleni.

Uladwe lokuhlolola

Ngale ifomu, uza kuya kwindawo iprojekth esentyenziswa khona uze uphendule imibuzo ngayo. Injongo yeli candelo kukufumanisa enoba unengxaki na kwiprojethi, noza kusebenza nabathathi-nxaxheba ekuyilungiseni.

Okokuqala, uza kucelwa ukhethe iKomiti yeWadi oyimeleyo, igama lakho neprojethi oyihlolayo.

Emva koko uza kubuzwa imibuzo eqhelekileyo ngokuba ufumene imvume na yokuhlolola ngabasemagunyeni, unikwe yonke inkcazeloyidingayo, nokuba uziva ukhuselekile, ukulungele uxhaswa ekuhloleni.

Emva kokucinezela Okulandelayo, uludwe lokuhlolola luyaqala. Impendulo zibalulekile, kodwa ke, iindawo ezongezelelekileyo njengokufaka iifoto okanye ukuchaza iingxaki ngeenkukacha ezingakumbi azinjalo (kodwa uyakhuthazwa uzisebenzise).

Uhlolisiso lwamalungu asekuhlaleni

Le foumu isetyenziselwa ukudlan' indlebe namalungu asekuhlaleni. Injongo kukufmana inkcazeloyvela kumalungu asekuhleni ngale projekthi. Ufanele ubabuze le mibuzo ebantwini. Xa ufake ifomu, unokuqala kwakhona nomntu omtsha.

Faka inkcazeloyakho

Ekuggibeleni emva koludwe/ukuholisisa uza kubuza ukuba idrafti uza kuyigina okanye uyithumele/uyiggibe. Ukuba uceba ukubuyela kuludwe/uhlolisiso, **unokulugcina njengedrafti**. Ukuba wonelisekile ziimpendulo ofuna ukuthumela uludwe nceda cinezela **Thumele/Gqiba**.

PHAWULA: Ukuba usebenzisa iapp yeKobo Collect kukho inyathelo elingakumbi. Ukuba usebenzisa ilinki, thumela ifomu kwinyathelo lokugqibela lakho.

Ukuba usebenzisa ilinki, emva kokuphendula imibuzo, khumbula ukucinezela **Thumela** (okanye i-Drafti ukuba ufake ifomu kamva).

0 KoboToolbox

Compact feedback survey for community members (draft)

Thank you for your feedback!

Save Draft

Submit

Back Powered by ENKEETO

Return to Begin... Go to End


Ukuba usebenzisa iapp, kuqala cinezela **Gqibezela**

You are at the end of Compact feedback survey for community members (draft).

You will not be able to make edits once you finalize. If you need to make changes, "Save as draft" until you're ready to send.

Save as draft Finalize

Unokuya kwicandelo elithi '**Ilungelwe**
Ukuthunyelwa' kwisikrini sokuqala uze uthumele impendula ngokucinezela Thumela Okukhethiweyo.



Ngoku, unokugcina umsebenzi wakho ngokuthepa 'Gcina ngokwedraft'. Oku kuluncedo ukuba funa ukuma kancinci uze ubuyele kwifomu. Ukuba ufunu ukuqala, usebenzisa 'Lahla Ifomu' ukucima yonke inkcazelu uze uqale phantsi.

Preparing to monitor

* Have you obtained permission to monitor this project from the relevant authorities, such as the Municipality project manager and the site manager?

Yes

No

Save form?

You can save this form and access it from your drafts at any time.

Discard Form

Keep editing

Save as draft

* Have you received all the information you need in order to monitor this project? (If a bill of quantities is not relevant to this project, consider what other project documents are available to you)

Yes, I have a full and accurate copy of the bill of quantities

No, I do not have a full and accurate copy of the bill of quantities

Yes, I can access the bill of quantities

BACK NEXT

Ukufota kakuhle

Ukufota yindlela ebalulekileyo yokuqokelela ubungqina bokuba izithembiso ziyafezekiswa.

- Ungathathi iifoto zabantu - luqheliselo oluhle olu uze uqiniseke ukuba usebenza ngomthetho wokhuseleko lwenkcazel (umzekelo, iPOPI Act yaseMzantsi Afrika).
- Qiniseka ifowuni yakho itshajiwe.
- Sondela.
- Yifrayime ifoto - faka okufotayo phakathi.
- Jonga isikrini ukuqiniseka ukuba okufotayo kucacile kubonakala kakuhle.
- Yibambe ingashukumi ofowuni okanye ibe goso.
- Khumbula ifoto enye ibhetele kuneefoto ezi-6 ezingacacanga.

Good Photographs



There is good lighting and the photographer has used their foot for scale so you can see how big this problem is.



This photograph focuses on the materials. The materials are framed in the centre of the photo, and the lighting makes it clear.




It is clear from this photo what the issue is – the water is unclean and not accessible. The photo is framed well.

Bad Photographs



The angle is unhelpful.
The shadow makes it unclear.



Only half of the picture is shown, where is the rest of the building on the right?
You should not share photographs of people, even if their faces are not clear as they may still be recognisable.



This is a screenshot of a video.
This does not show anything.



This is an error – you cannot see anything in the photograph.

Dlan' indlebe namalungu asekuhlaleni

Ukudlan' indlebe namalungu asekuhlaleni kubalulekile ekuhloleni. Yindlela abahloli abangabemi abanokuyisebenzisa ukujonga ukuba

PARTNERS



Co-funded by
the European Union

iprojethi izisa oko kuthenjisiwego.

Sicela uqiniseke ukuba amalungu asekuhlaleni othetha nawoayaqonda injongo yokuhlolisa kwakho. Khumbula ungachaze inkcazeloyifumene ngokuhlolisa naye nabani na. Oku kubalulekile ekwakheni intembelo kumalungu asekuhlaleni. Le nkcazeloyainagama lamntu kwiwebhusayithi. Nceda wazise amalungu asekuhleleni ukuba iimpendulo zabo ziza kugcinwa ziymfihlo.

Khumbula imigaqo yokwenza uhlolisiso oluphumelelayo Iwasekuhlaleni.

KHETHA NGUBANI OZA KUHLOLISISWA:

- Kufuneka ukhethe inali elihle labaza kuhlolisawa. Oku kuza kunceda abantu abaninzi ekuhlaleni kanga ngoko.
- **Abathathi-nxaxheba ekuhlaleni**- Abantu abahlolwayo kufuneka babe bahlala kule ndawo ekuyo iprojekthi, okanye bayachaphazeleka yiprojekthi.
- **Abathathi-nxaxheba abahlukileyo**- Abahlolwayo kufuneka babe basuka kwiindidi ezingafaniyo zabantu njengobudala, ubuni, ukuma ngokwezimali nentlalo, ukukhubazeka, njalo njalo.

NGAPHAMBI KOHLOLISISO:

- Abahloli kufuneka **balumkele amasiko aqhelekileyo**, ingakumbi ngokobuni. Ngokomzekelo, isenokungabi yinto entle ngomhloli oyindoda ukuthetha nebhinqa bucala.
- Qiniseka ukuba udlan' indlebe nabangaphezulu kwe-18 ubudala.
- **Imeko efanelekileyo**- Uhlolisiso lufanele lube kwimeko apha ekudlan' indlebe naye eziva ekhululekile ukuthetha.
- Ufanele ucinge ngokhuseleko Iwabo neemvakalelo zabo. Mabasebenza ngababini xa kufaneleka, uze ubabeke kwimeko ekhuselekileyo.

XA UQALA UHLOLISISO, UMHLOLI UFANELE:

- **Zazise** ngendlela efanelekileyo.

- **Cacisa isizathu** kuhlolisiswa abantu nokuba iza kwensiwa ntoni loo nkcazelo. Chaza ukuba iza kubaonakala ingenagama.
- **Chaza ukuba ixesha** eza kulithatha (imizuzu emi-5-10).

EBUDENI BOHLOLISISO:

- Ukuba ikhona inkcazelo eyongezelelekileyo eza kuthethwa nabathathi-nxaxheba, ufanele uyibeke ecaleni ithethwe ngelo xesha. I-app ithatha inkcazelo esisiseko.
- Ukuba udlan' indlebe ukuze ugqabaze ekuggibeleni (sebenzisa i-free text '**nantoni na eyongezwayo?**' kwimibuzo) ufanele uzame ukubhala oku kwinkcazelo efanelekileyo kangangoko.

Amacebiso okuhlola

- Hlolani nibabini okanye njengeqela emini.
- Yiza nesixhobo sakho ukusebenzisa ukuhlola uze uqiniseke sitshajiwe.
- Yiza ne-ID uze leta eqinisekisa ukuba ungubani nenjongo yotyelelo lwakho.
- Musa ukufihlisa - ungazifihli ukuba wenza ntoni. Ngaphambi kuhamba, cinga ngendlela oza kuzicacisa ngayo kuye nabani na obuzayo.
- Thatha ixesha lakho. Ungaziva ingathi kufuneka uleqe. Qiniseka ufumana yonke inkcazeloyidingayo.
- Esayithini, hlala kude nento engathi ayizinzanga okanye eyingozi. Cela izixhobo zokhuseleko ukuba ziyanfumaneka.
- Xa ufota, qiniseka ukuba kukhanya ngokwaneleyo akukho zithunzi.
- Yiba nembeko nentlonipho. Ungabingqwabalala, nokuba abakuvumeli ungene kwisayithi.
- Ukuba udibana nabantu abangaqinisekanga ukuba uhlole, zama ukuqonda izizathu zabo uze uziphendule uzolile.
- Ukuba uyalelwa ukuba ungene ibe akukwazi ukwenza utyelelo lohloliso, qhagamshela abantu abasemagunyenii uphinde uchaze isizathu sokutyelela kwakhon.
- Qiniseka unenombolo yongxamiseko onokuyifowunela.

Ukuhlola Isichenge

Khumbula indlela yokudibanisa isichenge kutyelelo lwakho lokuhlola.

Ukuhlola Isichenge			
ISICHENGE	OKUNOKWENZEKA (Phantsi, phakathi Okanye phezulu)	IKUCHAPHAZELA NJANI WENA (Phantsi, phakathi Okanye phezulu)	IINZAME ZOKUNCIPHISA
UMZEKOLO			
<i>Umze. Ikontraki Engqwaba lala engakuvu meliyo ungene</i>	<i>Phantsi</i>	<i>Phezulu</i>	<i>Qhelisela ubugcisa bothethwano obuphumelelayo nihambe nibathathu.</i>

7. lingxaki ziyalungiswa



Iingxaki ziyalungiswa

Ukuphawula iingxaki ngumsebenzi oluncedo. Kodwa, kukodwa akwanele. Qiniseka ukuba abahlali bafumana oko bakuthenjisewyo, kufuneka uthethane nabathathi-nxaxheba ukuze kulungiswe iingxaki.

Kwimodyuli ethi **Uthethana nabathathi-nxaxheba**, ufumanise abathathi-nxaxheba abayintloko waza waceba iindlela zokuthethana nabo kwinkqubo yokuhlola.

Imodyuli ethi **Lungisa iingxaki** ibonisa ubugcisa bokusebenzisana nabathathi-nxaxheba, kuquka amalungu asekuhlaleni, ukulungisa iingxaki ozibonayo.

Oku kunokwenzeka **NGOTHETHWANO NONOKOTRAKI**: ukuthetha ngqo nabathathi-nxaxheba nokusebenza nabo ukulungisa iingxaki.

Usakhumbula iiplani zokuthethana zivela kumsebenzi othi **lindlela zothethwano** kwinyathelo elithi **Uthethwano nabathathi-nxaxheba**?

UMTHATHI-NXAXHEBA	UKWAZISA OKANYE UKUBANDAKANYA?	IINDLELA

Ziziphi iindlela zokubandakanya abathathi-nxaxheba ezinokusetyenziswa ukulungisa iingxaki? Ngokomzekelo:

- lileta ezivela kumagosa karhulumente
- Ikufofuna
- Vala iintlanganiso ngokuncoma ii-arthente, abaxhasi beprojekthi, urhulumente wasekuhlaleni (intlanganiso yabucala yene yeendlela zokubakanyaka abathathi-nxaxheba)
- lintlanganiso Zamaqela Asebenzisanayo
- lintlanganiso Ezivulekileyo Zasekuhlaleni (intlanganiso ezivulekileyo ekuhlaleni apho nabani na emkelekile)

Qiniseka yonke into ethethwayo iyakha, okuthetha ukuba macala omabini ayasebenzisana ukulungisa ingxaki. Oku kunokuthatha ixesha kufuneke nomgodu.

Ukuphulaphula Ungathethi

Ukuze ukuthethana kuphumelele kufuneka usebenzise ubuchule bokuphulaphula:

1. Kaloku wonke umntu kufuneka abe nethuba lokuphulaphulwa.
2. Oku kumbeka kwimo yokuba ancede nangakumbi.

Ukuphulaphula ungathethi (kuxhomekeka kwimeko yakho, kunokuquka ukunqwala, ukujonga emhlweni, njalo njalo) nokungaphulaphuli kakuhle (ukujonga ifoni, ukuphazamiseka) kunegalelo kwinkcoko eghubekayo.

Unokusebenza nabantu abaneemvelaphi ezingafaniyo. Thatha ixesha uze uqonde iimbono zabantu ngokubonisa ukuba uyaphulaphula ukufikelela kwisiggibo esihle. Ukuphulaphula kakuhle kunokunceda kuqondwe iimbono zomntu. Ukubonisa ukuba uyaphulaphula kunokunceda kuthethwano olwakhayo.

Amanyathelo ama-5 othethwano

UBUGCISA	USUKELO	UMZEKOLO
Ukucacisa	Ukfumana inkcazelengakumbi	Ngaba uthetha ukuthi?
Qala phantsi	Ukubonisa ukuba upholaphule ibe uyaqonda	Ukuba ndikuva kakuhle uthi...
Ungathathi cala	Chaza umdla wakho	Ndiyakuva.
Ukubuyekeza	Ukubonisa ukuqonda oko kuthethwa sisithethi	Ingathi uziva
Ukushwankathela	Ukuphelisa inkcoko	Ingongoma eyintloko oyivelisileyo...

Obu bugcisa bungasentla bubonisa ukuba umntu uyaphulaphulwa, nokuba ubalaselisa uze ushwankatheli iingongoma uze uvumele inkcoko ihambele phambili.

PARTNERS

Amacebiso othethwano

Xa kunzima ukwenza inkcoko kunokoyikisa. Nanga amacebiso:

1. Thomalalisa uloyiko

- Ukuphefumlela phezulu kuthomalalisa.
- Jinga iingcinga ezimbi zibe zezakhayo, umze. zixelete: Andayiki, qha ndinochulumanco!
- Ukuba oku akunceda, yiza nawakho amagama kule meko: Ndiyoyika ibe akhonto ndinokuyenza ngaloo nto, ndiyamkele!

2. Imbonakalo

- Nxiba kakuhle kodwa uzive ukhululekile.
- Ngaphambi kokuya entlanganisweni, yima ngendlela yokuzithemba uwedwa, umzekelo beka izandla esinqeni (ukwenza oku imizuzu emi-3 nangaphezulu kukwenza uzithembe uze ungoyiki).
- Uphando lubonisa ukuba inkcazelo ngomntu siyifumana kuphela ngezimbo zomzimba. Ngoko ke, asinto uyithethayo kodwa yindlela oyithetha ngayo.

3. Unxibelelwano

- Thetha ukuze uvakale kodwa ungangxolisi.
- Sebenzisa ubugcisa bokuphulaphula ungathethi ungaphazamiseki.
- Sebenzisa ulwimi olulula (kodwa ungatekeki) uphephe amagama anzima.
- Ncumu uze ubuze umbuzo ukuze ubonise umdla.

4. Ceba

- Mayicace into ofuna ukuyifikelela nomyalezo ofuna uvakale.
- Izinto ozithethayo mazibe nobungqina (inkcazelo yokuhlola, iifoto nezinye).
- Zehlise iimeko zobundlobongela. Yithi: Ndiyayiqonda isizathu sokuba nomsindo. Sebenzisa amagama aqukayo njengathi "thina" nokuthi "sonke"
- Khangela umphumo ozuzisa sonke: jonga intlanganiso njengamaqabane kungekhona ukhuphiswano.
- Yenza uludwe lweenzuso zangoku nezexesha elizayo zomntu wonke. Yintoni ozama ukuyifikelela ngale ntlanganiso?

5. Nceda abanye abahloli

- Khuthaza abantu abaneentloni kwiqela lakho bathethe; ngaba banganithethela?
- Uphando luthi amabhinka aphazanyiswa kabini kunokuba kunjalo ngamadoda. Ukuba ulibhinka, unganqumami ixesha lide. Ukuba uyindoda, ncedisa okanye uthintele ukuphazamisa nawe ungayenzi loo nto.
- Amabhinka anokuziva eneentloni xa kukho amadoda amaninzi. Zama ukuba namabhinka amaninzi entlanganisweni.
- Abantu abavela kumaqela amancinane banokuziva besoyika. Baxhasa ubanike nethuba lokuthetha.



Kunokubakho isichenge xa kuthethwana nabathathi-nxaxheba. Umzekelo, unokontraki unokuziva eloyika uthelelo lwakho. Qiniseka ngokhuselo lwkaho uze ulandele amanyathelo okhuseleko.

Ukuqonda abachasi

Umchasi ngumntu othintela okanye ozama ukuntela isenza esibalulekileyo, kwimeko okanye kwisiganeko. Ukuba akuthethwa nabo kakuhle nangexesha, nawuphi na umthathi-nxaxheba okhoyo kwiprojethi oyihlolayo angaba ngumchasi.

Ukuze ujamelane nabachasi, cinga ngoku:

1. **Imongo wemeke:** indawo ahlala kuyo umchasi nasebenza kuyo, izinto ezimcinezelayo, izinto ezibangela uxinezeleko njalo njalo
2. **ukuziphatha komchasi:** indlela aziphethe ngayo, izenzo eziboniswa ngumchasi
3. **isimo sengqondo:** iimbono ezibonakalayo nolweyiseko analo umntu lungunobangela lwezenzo zakhe.

Ukuba akuwajongi la manyathelo ma-3 kunye, akunakulungisa imiba ebangela abantu bachase. Xa uqonda isimo sengqondo somchasi, izenzo, intusa, iimfuno, uloyiko, unokuqonda gcono isizathu sokuba umchasi enze izinto ngendlela ethile. Oku kunokwenza uqonde indlela onokusabela ngayo kumchasi.

The monitoring approach in practice*

Monitor visits site some time later - they speak with the community and upload findings onto Kobo

Monitor visits site and speaks with community

Monitor uploads findings on Kobo app**

Monitor provides notes on problem identified to the Ward Committee and Ward Councillor

Ward Councillor reports back to Ward Committee and Monitor on the status of the problem

Ward Councillor follows the municipality protocols/structures to try to solve problems

*This is an IDEAL scenario and may be subject to changes depending on different circumstances

**If Monitor wants to communicate with contractor, they use CLO as an intermediary

8.Yazisa Ilizwi



Ingxelo kubahlali

Ngeli xesha ufanale ukuba kudala usenza amatyelelo okuhlolola ibe uzibonile neengxaki. Sithemba ukuba ube nempumelelo ekulungiseni ezinye.

Ukuzilungisa kuthetha ukuba kuza kuphucuka ubomi babahlali.
Ufanale uhive unelunda ngoku!

Nokuba akuyilungisi iingxaki ngelo xesha, kubalulekile ukuba uqonde indlela yokwenza le nkqubo: kwiindawo osebenza kuyo abahlali bayakuxabisa okwenza, abantu abanamandla ngoku bayazi ngokuhlolwa okwenziwa ngabahlali ibe banokusebenza ukuze bazazi ukuba baza kuphendula ngoxa uzithemba usiba nobugcisa bokunceda wena nomsebenzi wakho.

Nokuba yintoni oyifikelela ekuyilungiseni okanye ungakwazi, kubalulekile ukuthethana umphumo wokuhlolwa umsebenzi (unokuphumela okanye kungabinjalo) unokubuyela kubahlali.

Usakhumbula iiplani zokuthethana zivela kumsebenzi othi **lindlela zothethwano** kwinyathelo elithi **Uthethwano nabathathi-nxaxheba?**

UMTHATHI-NXAXHEBA	UKWAZISA OKANYE/UKUBAN DAKANYA?	IINDLELA

Phawula amathuba ezi ndlela zothethwano zivela kuzo nemiphumo evela kubahlali. Ngaba ikhona imiphumo yezinye iindlela zothethwano? Yongeza kuludwe lwakho. Unokwabelana:

- Ngengcaciso yokuba yintoni iprojekthi
- Ngengcaciso yeengxaki nendlela yokuzibona

- Ngenyathelo olithatha ukuzama ukuzilungisa
- Indlela eyiyo imeko ngoku
- Indlela yokulungisa ingxaki - nenyathelo elilandelayo lokulungisa ingxaki.

Ukubona nokwabelana ngenkcaza yokuhlola

Inkcaza oyiqokeleleyo neyabanye abahloli abafana nawe kwi-Kobo Tookit iza kuhlaziwa, ilungelelaniswe ize iboniswe kwiwebhusayithi kawonkewonke. Ilinki ekwiwebhusayithi yabelwe nawe ngoxa ubukuqequesho.

Le nkcazeloo iboniswe kwiwebhusayithi iquka:

- Inkcazeloo ngeprojekthi (ixesha, ilwabiwo-mali njalo njalo)
- Imo yocwangciso lweprojekthi (isexesheni, ilibazisekile, ibanjiwe)
- Inani leengxaki ezingekalungiswa ezaziwayo nezingekabekwa phambi kwabanye
- Ipesenti yeengxaki ezilungisiwego
- Ipesenti yamalungu asekuhlaleni abanelisekileyo yiprojekthi

Inkcazeloo enokuhluzwa ngokweprojekthi nomasipala, ukuze ube nembono epheleleyo ngeenkonzo nemisebenzi eqhubekayo ngokuqhelekileyo kunye nokuhlolisia iiprojekthi ozihlolayo wena. Nabanina ojonga le webhusayithini inokuyibona le nkcazeloo. Inkcazeloo yokuhlola nayo inokubonakala kwiwebhusayithi xa isabelwana ngqo nabathathi-nxaxheba ngemayile okanye/kunye neWhatsapp.

Unokusebenzisa inkcazeloo yokuhlola, kunye neengxaki ezaziwayo ezivela ebudenibokuhlola kwimisebenzi yothethwano namagosa karhulumente okanye amalungu abahlali.

9.Imibuzo edla ngokubuzwa



Imibuzo Edla Ngokubuzwa

1. Ndifumana zippi iinzozo ngokuba nguhloli?

Ukongezelela phezu kokuba nethuba lokusebenzisana Norhulumente Wasekuhlaleni, uza kufumana ubugcisa ngokusebenzisa izixhobo ze-elektroniki, unxibelewano, uthethwano nokulungisa iingxaki. Okona kubalulekileyo, uza kufumana ithuba lokufaka isandla ekuphuculeni ukudluliselwa kweenkonzo kwindawo ohlala kuyo!

2. Ndikhubazekile - ndiyakwazi ukuba ngumhloli?

Ewe - wonke umntu onomdla ukhuthazwa ukuba afune amathuba okuba ngumhloli wasekuhlaleni. Imigudu iza kwenziwa Liqela Le-Compact ukwandisa ukufumaneka kwabahloli abakhubazekileyo.

3. Ndinoxanduva lokunyamekela andinalo ixesha elikhululekileyo. Ukuhlola ngaba kuza kulunga kum?

Abantu abaneemeko ezahlukeneyo kufuneka babe namathuba okuba ngabahloli basekuhlaleni. Ukuba unexhala lokungafumaneki ngenxa yexesha, thetha neQela Le-Compact nize nibe nesisombululo.

4. Ngawaphi amalungelo andinawo okufumana inkcazelو ngeprojekthi endifuna ukuyihlola?

Ngaphantsi koMthetho Wokukhuthaza Ukufumaneka Kwenkcazelo (2000), umntu waseMzantsi Afrika unelungelo lokufumana inkcazelو kuwo onke amaxwebhu neengxelo ezikwisebe likarhulumente, kumagosa okanye kwibhodi kawonkewonke. Nceda ufunde 'Fumanisa Okuthenjisiweo' lcanelo lokufunda

PARTNERS



Co-funded by
the European Union

ngakumbi ngalo.

5. **Ziziphi izixhobo/imithombo (umze. Izinto zokubhala) eza kufunekakutyelelo lokuhlola esayithini?**

Abahloli kufuneka babe nepen nephepha iselfowuni enekhamera ne-app okanye ilink yeKobo. Oku kwenza kuba lula ukufota kwisayithi yeprojekthi, nokugcwalisa uhlolisiso nge-app/ilink. Xa kunokwenzeka, abahloli bafanele beze nohlobo lokuzazisa namaxwebhu ezigunyaziso abanawo xa behlola iprojekthi. Kulindeleke ukuba abahloli basebenze kwiqela, ukuze bahlulelanelangoxanduva, babambisane baxhasane.

6. **Ndalelwe ukungena kwisayithi xa bendihlola. Ndenze ntoni elandelayo?**

Abahloli basekuhlaleni banokuba nemicelo-mngeni ekungeneni kwiisayithi zeprojekthi, njengokuba abalawuli beprojekthi kungafuneka beyiselwe ekuvumeni. Ukuba umhloli uyalelwa ukungena, kunconyelwa ukuba babeke usuku olutha lokutyelela, nayiphi na inkcazelo okanye amaxwebhu afunekayo, ukuze kwande amathuba otyelelo Iwesibini. Ukuba oku akusebenzi, nceda uqhagamshelane neQela Le-Compact.

7. **Yiyiphi i-PPE efunekayo, ibe kulandelwa yiphi inkqubo xa kungenwa kwisayithi yokwakha?**

Oku kuxhomekeka kwiprojekthi, kodwa ke sikhuthaza ukuba abahloli balandele ulwalathiso lwemanje yesayithi.

8. **Sisiphi isichenge sempilo okanye ingozi endinokuyilindela kwisayithi yokwakha?**

Oku kuxhomekeka kwiprojekthi, kodwa ke sikhuthaza kakhulu

PARTNERS



Co-funded by
the European Union

ukuba abahloli bacele inkcazeloo kumaneja yesayithi.

9. Ndithini xa besiba ngqwabalala kutyelelo lokuhlola?

Abahloli banokudibana nabantu abangwabalala kuba bengaquiniseki ngeentshukumisa zabahloli nokuba bengafuni ukuphenduliswa. Abahloli bafumene ulwalathiso lokunciphisa ubungqwabalala nokunciphisa imisindo ukuze bathethane nomntu osusa uqushululu. Abahloli bafanele baqehlisele ukwehlisa, ibe ukuba utyelelo luqhubeke noqushululu naxa lungenakuba neziphumo, bafanele baphume bavumelane ngolunye usuku lotyelelo.

10. Ngawaphi amanyathelo ofumana amaxwebhu eprojekthi xa uhola?

Sincomela ukuba inyathelo lokuqala kukufuna inkcazeloo kukucela umntu onegunya - banokukunika oku ngaphandle kokulibazisa. Oku kuza konga ixesha kuphephe ukonakalisa ubudlelwane namagosa. Inyathelo elilandelayo: kukufuna ukuqonda iintshukumisa zokungafuni ukunikeza ngenkcazeloo nokuziphelisa; ukuphakamisa isicelo namanye amagosa (mhlawumbi igosa elinegunya elingaphezulu); njengendawo yokuggibela ukwenza isicelo ngokoMthetho Wokukhuthaza Ukufumana Inkcazeloo (jonga kwimibuzo engaphezulu).

11. Ndenze ntoni ukuba andiziva ndikhuselekile?

Ukhuseleko nonqabiseko labahloli lubaluke kakhulu. Sibongaza ukuba nawuphi na umhloli oziva engekhuselekanga asuke kwindawo enokuba njalo. Uxanduva lwakho njengomhloli aluuki ukuzibeka kwindawo enesichenge.

PARTNERS



Co-funded by
the European Union

12. Ndinikela njani ingxelo ngeprojekthi endiyihlolayo?

Ukuba unenkalabo ngokhuseleko okanye uye walinyazwa ngenxa yomsebenzi wakho wokuhlola, sicela uqhagamshele iQela Le-Compact. Baza kusebenza ngokwezikhalazo zakho bakukhusele nangakumbi. Sicela ujunge iphepha 9 ngenkcazelengakumbi. Nceda uphawule ukuba asivumeli nantoni na enonto yokwenza nokuziphatha okubi ibe asifuni kwanto kubasebenzi be-COMPACT, abancedisi, abahlalutyi, amaqqabane, abahloli nabanye esisebenza ukuba baxhatshazwe.

13. Ngubani emandimazise ngenkqubela yokuhlola iiprojekthi?


Luqheliselo oluhle ukuba abahloli bahlale bethetha nabathathi-nxaxheba ngokwendlela abahlola ngayo nenqubela yemigudu yabo, ingakumbi amalungu asekuhlaleni, iiKomiti Zewadi, Ooceba Bewadi namanye amagosa kaMasipala. Oku kwenza abathathi-nxaxheba - kuquka abasebenzisi beprojekthi ekuhlaleni - babone imiphumo eyenziwa lungenelelo lwabo luye lwaba nayiphi imiphumo.

PARTNERS



Co-funded by
the European Union

Amanqaku




PARTNERS



Co-funded by
the European Union

Amanqaku




PARTNERS




Co-funded by
the European Union

Amanqaku

Amanqaku



Amanqaku




PARTNERS



Co-funded by
the European Union

Amanqaku



PARTNERS



Co-funded by
the European Union



I-Integrity Action ye-COMPACT
January 2024